



## Tell a story with us!

Welcome to your special Heritage Day edition of the Nal'ibali supplement! On 24 September each year, as South Africans it's time to stop and think about who we are as a nation, where we have come from and we are going. An important part of who we are is the languages we speak and the stories that have been told to us and the ones we tell.

Storytelling is central to our heritage as South Africans, Africans and human beings. As human beings we use stories to remember and to make sense of our lives. We tell ourselves stories and we tell each other about our lives using the story form. So, because telling and remembering stories is so easy for us, we can use stories

to connect our children to their languages, culture and the generations that have come before us. And what's more, as we share and tell stories, we inspire children to want to tell stories themselves – and this is where the literacy magic begins...

### Share the story magic

This Heritage Day, Nal'ibali makes it easy for all of us to share the magic of a good story. Read one of Nelson Mandela's favourite stories *The Snake Chief* on pages 3 and 5 and then share it with the children in your life – your own children or grandchildren, or the children who live in your street or attend your reading club.

Tell the story on 24 September and then challenge your children to find someone else to tell it to. Pass the story along – and find new ones to tell too. Together, let's spark an excitement for stories and storytelling.

## Win with Nal'ibali!

Send us photos of your Heritage Day storytelling or write to us and tell us about it and you could win a storybook hamper. Send your letters to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) or Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132 and post your photos on [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Closing date: 24 October 2012.



[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)



Bella

Noodle

Rico  
2012

## Phumelela kuNal'ibali!

Sithumelele iifoto zakho ezibonisa ukubalisa kwakho amabali ngoSuku lokuBhiyozela Amafa neMveli, kungenjalo usibhalele usixelele ngoko ukwenzileyo ukuze ube nokuphumelela ibhasokazi lencwadi yamabali. Thumela iileta zakho ku: [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) okanye kuNal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132 kwaye uthumele ngeposi iifoto zakho kule dilesi: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Umhla wokuvalwa kwamangeno ngowama: 24 October 2012.

## Balisa ibali nathi!

Wamkelekile kushicilelo olukhethekileyo loSuku lokuBhiyozela Amafa neMveli lwesongezelelo sikaNal'ibali! Minyaka le ngomhla wama-24 kuSeptemba singabemi boMzantsi Afrika siye sifumane ixesha lokukhe sithi nqumama sicinge ngobuthina sisizwe, apho sisuka khona nalapho siya khona. Eyona nto ingundoqo kubantu bethu ziilwimi esizithethayo kuquka namabali esiwabaliselwayo kunye nalawo siwabaliso.

Ukubalisa amabali yingxam kumafa nemveli yethu singabemi boMzantsi Afrika, singama-Afrika okanye singabantu. Nanjengabantu ke siye sisebenzise amabali ekukhumbuleni nasekutolikeni ubomi bethu. Sizibalisele amabali kwaye sibalisele nabanye ngobomi bethu sisebenzisa isakhiwo samabali. Lilonke ke, nanjengoko ukubalisa nokukhumbula amabali iyinto elula kakhulu kuthi, singakwazi ukusebenzisa amabali ekunxulumaniseni abantwana bethu kulwimi lwabo, kwinkcubeko

yabo nakwabo bebesidla ubomi phambi kobukho bethu. Okunye okubaluleke nangakumbi, xa sisabelana kwaye sibalisa amabali, sikwakhuthaza abantwana ukuba nabo bafune ukubalisa amabali ngokunokwabo – kulapho kanye ke kuqala khona ukumangalisa kwelitherasi...

### Yabelana nabanye ngokumangalisa kwamabali

Ngolu Suku lokuBhiyozela amaFa neMveli, uNal'ibali wenza ukuba sikufumane kulula kuthi sonke ukwabelana ngokumangalisa kwamabali agqibeleleyo. Funda elinye lamabali abalaseleyo kaNelson Mandela, bali elo lithi: *Inkosi eyayiyinyoka* kwiphepha lesi-3 nelesi-5 uze wabelane ngalo nabantwana okanye nabo – abantwana bakho okanye abazukulwana, okanye abantwana abahlala kwisitalato sakho okanye abo bangena kwiqela elifundayo lakho.

Balisa ibali ngomhla wama-24 kuSeptemba uze emva koko ucele umngeni kubantwana bakho ukuba eli bali baphinde balibalisele omnye umntu. Qhubeka nokugqithisela eli bali – ufumane namanye amabali onokwabalisa. Xa Sisonke, masivuseleleni ukonwabela amabali nokubalisa amabali.

Celebrating our shared heritage. It starts with a story...  
Ukubhiyozela ukwabelana kwethu ngamafa nemveli yethu.  
Konke kuqala ngebali...



## Get story active!

**The Snake Chief** is a story that has been told in different ways over time in South Africa and also in other parts of Africa. It has all the elements of an exciting story: a mother's love, a daughter's steadfastness and an evil snake!

Read the story, on pages 3 and 5 of this supplement a few times and then retell it in your own way to your children. Encourage them to participate by asking questions like, 'And do you know what happened next?' and 'So what do you think Nandi did?'

Once you know the story well and have told it a few times, add new and interesting details of your own! This will encourage your listeners to continue using their imaginations and will deepen their understanding of the story.

Here are some activity ideas for you to try out.

### If you have 10 minutes...

- ★ With your children, talk about how all people make errors in judgement and share examples of when you have done this. Ask them to think of times when they made mistakes like this. Together discuss how Nandi made a mistake in the story.

### If you have 30 minutes...

- ★ Encourage your children to draw a picture of a scene from the story. Help younger children write about the scene by writing the words they tell you. Let older children try writing a paragraph about their picture on their own. If you're at a reading club, display the pictures and writing and encourage the children to read each other's writing.
- ★ Retell the story in a story circle. You can start the story and then ask the person on your right to continue it. Give everyone in the circle a chance to tell part of the story.

### If you have one hour...

- ★ With your children, use thin cardboard (like the kind you find on a cereal box), crayons and scissors to draw and cut out pictures of Nandi, her daughter, the snake and the chief's son. Paste them on the top of thin sticks and then use them as puppets to retell the story.
- ★ Follow the instructions at the bottom of the page to make story cards. Older children can use the cards to read the story on their own and to younger children.

## Yenza ibali linike umdla!

**Inkosi eyayiyinyoka** libali esele libaliswe ngeendlela ezahlukeyo apha ekuhambeni kwexesha eMzantsi Afrika nakumanye amazwe e-Afrika. Konke okuqulathwe libali eligqwesileyo kuyafumaneka kweli bali: uthando lukamama, ukungagungqi kwentombazana kunye nenyoka ehendayo!

Funda ibali elikwiphepha lesi-3 nelesi-5 lesi songezelelo izihlandlo eziliqela uze ulibalise abantwana bakho ngendlela yakho. Bakhuthaze ukuba bathathe inxaxheba ngokuthi babuze imibuzo efana nale: 'Ingaba uyazi ukuba kwenzeka ntoni emva koku?' kunye nalo: 'Ucinga ukuba uNandi wenza ntoni?'

Xa ibali ulazi ngokupheleleyo kwaye sele ulibalise kaninzi, yangeza iinkcukacha zakho ezintsha nezinika umdla! Oku kuza kukhuthaza abo bakumameleyo ukuba basebenzise ingqiqo yabo kwaye baya kutsho balazi ngokugqibeleleyo ibali. Nazi ezinye zeengcebiso zemisebenzi onokukhe uzizame.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- ★ Wena nabantwana bakho ncokolani ngendlela abantu abenza ngayo iimpazamo kwindlela abathatha ngayo izigqibo nize emva koko nabelane ngemizekelo yoku. Bacele bazame ukucinga ngamaxesha apho nabo bathi benza iimpazamo ezikumila kunje. Xoxani kunye ngendlela athe uNandi wenza imposiso ngayo ebalini.

### Ukuba unemizuzu engama-30...


- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso womboniso olapha ebalini. Ncedisa aba bantwana bancinci ekubhaleni ngomboniso lowo ngokuthi ubhale amagama abakunika wona. Aba badala abantwana banike ithuba lokubhala umhlathi ngokunokwabo malunga nemifanekiso abayizobileyo. Ukuba ukwiqela elifundayo, bonisa ngale mifanekiso noko kubhaliweyo uze ukhuthaze abantwana ukuba bafunde oko kubhalwe ngabanye.
- ★ Balisani kwakhona eli bali kwindawo yebali. Ungaliqala ngokwakho ibali uze ucele lowo uhleli ngasekunene kwakho ukuba aqhubekeke nebali. Nika umntu ngamnye kwisangqa ithuba lokubalisa indawo ethile yebali.

### Ukuba uneyure enye...

- ★ Wena nabantwana bakho, sebenzisani ikhadibhodi (efana nqwa nale yebhokisi yesiriyeli), iikhrayoni nezikere ukuze nizobe nize nisike imifanekiso kaNandi, intombi yakhe, inyoka kunye nonyana wenkosi. Yincamathisele phezu kweentongana ezibhityileyo uze uyisebenzise njengoonopopi bokubalisa kwakhona ibali.
- ★ Landela le miyalelo ingezantsi ekwenzeni amakhadi ebali. Abantwana abadlalana bangawasebenzisa ekuzifundeleni ibali nasekufundeleni abantwana abancinci.

This Heritage Day, we remember somebody who cared very much about the wellbeing of all of the people who live in South Africa – Neville Alexander. Neville, who sadly died on the 27 August 2012, put enormous energy behind igniting the reading club fire because he understood the power of ideas, which we share through our words and our stories. He told many stories himself about the ten years he spent on Robben Island with Nelson Mandela, Walter Sisulu and other political prisoners. He told of the hardships prisoners had to suffer like only ever washing in cold salty sea water and only once ever hearing the sound of children's voices! But even though life was really tough, these men were so convinced that all South Africans should be free to lived dignified lives with equal opportunities, that they turned the prison on the island into a university where they read all kinds of things like history and politics and even lots of stories to one another. Their readings and discussions gave them hope and helped them prepare for the new South Africa that they were dreaming about.

Ngolu Suku lokuBhiyozela Amafa neMveli, sikhumbula umntu obe nenkathalo engathethekiyo ngokuphathelene kubomi obungcono babo bonke abantu abahlala eMzantsi Afrika – uNeville Alexander. UNeville, nothe wasandulela ngomhla wama-27 ku-Agasti ka-2012, unikezele ngamandla akhe onke ekuphambeleni ukumiliselwa kwamagqela afundayo kuba ebewazi kakuhle amandla ezimvo, zimvo ezo sabelana ngazo ngamagama esiwathethayo nangamabali. Maninzi kakhulu amabali naye athe wawabalisa malunga neminyaka elishumi ayichithe eRobben Island kunye noNelson Mandela, uWalter Sisulu kunye nezinye iinkokheli zopolitiko ezazivalelwe entolongweni. Ukhe wabalisa ngeenzima amabanjwa ayejongene nazo kuquka nokuhlamba kuphela ngamanzi abandayo olwandle anetyuwa, kwanokuba wakhe waweve kwakanye amazwi abantwana kwelo xesha wayelichithe apho esiqithini! Kodwa ke nangona ubomi babunzima, onke la madoda ayezinikele kwiingcamango yokuba bonke abemi boMzantsi Afrika kufuneka bakhululeke ukuze baphile ubomi obundilisekileyo, benamathuba alinganayo, kangangokuba bakwazi ukuyijika intolongo yayiyunivesithi apho babefundelana khona yonke into, njengeembali nezopolitiko nkqu namabali amaninzi. Oku kufunda kwabo kwakuhamba neengxoxo, kwabanika ithemba kwaze kwabanceda ukuze bazilungiselele uMzantsi Afrika omtsha owawuliphupha labo.



### Create your own story cards

1. When you have finished reading the supplement, take out pages 3 to 6.
2. Cut along the dotted lines on each page.
3. Paste each part of the story on either side of an A4 sheet of cardboard. Use a separate sheet of cardboard for each language.
4. If possible, cover the cards with plastic.

### Zenzele awakho amakhadi ebali

1. Xa ugqibile ukufunda isongezelelo, khupha amaphepha ukusuka kwelesi-3 ukuya kwelesi-6.
2. Sika phezu kwemigca engamachaphaza kwiphepha ngalinye.
3. Ncamathelisa inxenywe nganye yebali kwicala ngalinye lekhadibhodi enomlinganiselo we-A4. Icala ngalinye lekhadibhodi kufuneka ulisebenzisele ulwimi ngalunye.
4. Ukuba ikho indlela, amakhadi kufuneka uwaqakumbele ngeplastiki.



The Snake Chief appears in *Madiba Magic: Nelson Mandela's Favourite Stories for Children*, published by Tafelberg. It was translated from isiZulu into English by T. Cele and retold in English by Diana Pitcher. Illustration by Niki Daly.

*Inkosi eyayiyinyoka* iyafumaneka kule ncwadi: *Ikhubalo lika Madiba: Iintsomi ezithandwa kakhulu nguNelson Mandela ngesiNguni*, neshicilelwe ngabakwaTafelberg. Le ntsomi isuselwa entsomini eyayitolikwe nguPamella Maseko. Imizobo nguNiki Daly.





# The Snake Chief

NANDI WAS VERY POOR. Her husband was dead and she had no sons to herd cattle and only one daughter to help in the fields.

In summer, when the umdomi trees were full of creamy flowers, she and her daughter dug for amadumbe to eat with their maize porridge. But in autumn, when the flowers had died, she collected the umdomi berries, purple and sweet, and gave them to her neighbours in return for strips of dried goat meat or calabashes of thick and creamy sour milk.

One hot day Nandi went down to the river as usual to gather the purple berries, but nothing could she find. Not a single berry was to be seen – not one.

Just then she heard a loud hissing, a loud and terrible hissing. Looking up, she saw a great green-grey snake wound round and round the dark red trunk of the tree, his head swaying among the branches. He was eating all the berries.

“You are stealing my berries,” she called. “Oh, Snake, you are stealing all my berries. What will I have to exchange for meat if you take all the fruit?”

Snake hissed again and started to slither down the trunk. Nandi was afraid, but if she ran away there would be no berries for her.

“What will you give me in exchange for the umdomi berries?” he hissed. “If I fill your basket, will you give me your daughter?”

“Yes,” cried Nandi, “I’ll give you my daughter this very night. Only let me fill my basket with the purple fruit.”

But once her basket was full and Nandi was on her way home she began to tremble at what she had promised. How could she give her daughter to such an ugly creature? She must make sure that Snake did not find out where she lived. She must not go straight

home lest he were watching.

She crossed the river where the water ran shallow over the rocks and made her way into the bush on the other bank, silently slipping between the thorn trees. She did not know that a long thorn had scratched her leather skirt and that a tiny piece of leather was left caught on a tree.

She made her way carefully and silently through the reeds, keeping an eye open for Crocodile, and waded through the deep pool. She did not know that a plump, purple berry had fallen from her basket and was floating behind her in the water.

She crept towards a huge ant-hill. Once she was behind that, she could not possibly be seen from the umdomi trees. But she caught her foot in the entrance to Waterrat’s secret tunnel. She did not know that she left three beads from her anklet lying in the soft brown earth.

At last she reached her hut and cried out to her daughter, “My child, I have done an evil deed. I have promised you to Snake in return for this basket of purple fruit.” And she burst into tears.

Meanwhile Snake had slithered down the tree to follow Nandi. This way and that his head swayed, until he saw the little piece of leather on the thorn and he knew which way to go.

This way and that his head swayed again, until he saw a ripe, purple berry floating in the deep pool and he knew which way to go.

This way and that his head swayed once more, until he saw three beads lying at the mouth of Waterrat’s tunnel and he knew which way to go.

Just as Nandi burst into tears, there was a loud hissing at the entrance to her hut and Snake slid in, coiling his long green-grey body.

“No! No!” cried Nandi. “I did not mean my promise.



I cannot give you my daughter.”

The young girl looked up. Her dark brown eyes were gentle and quite fearless.

“A promise is a promise, Mother,” she said. “You must surely give me to Snake.” She put out her hand and stroked his green-grey head. “Come,” she said, “I will find you some food.” And she fetched a calabash full of thick and creamy sour milk for him to drink. Then she folded her blanket and made a bed for her snake master.

During the night Nandi stirred. What had wakened her? Had Leopard coughed? Had Hyena sung to the moon? Something had disturbed her. She listened again. Voices. She could hear voices. That was her daughter speaking. But whose was that other voice? That deep, strong voice?

Silently she crept from her skin blankets. What did she see? Was she still asleep and dreaming? Sitting

with her daughter was a handsome young man, tall, brown and strong. Surely a chief’s son, perhaps even a chief. Her daughter was making a bead necklace, weaving a wedding pattern with the multicoloured beads. And the young man was talking gently and lovingly to her as she worked.

Nandi looked at the folded blanket where Snake had been put to rest. On it lay a long, coiled, green-grey skin. She snatched it up and flung it into the fire that still burned low in the middle of the hut.

“Now is the spell broken,” spoke the snake chief. “For a virtuous girl took pity on me and a foolish old woman has burned my skin.” But in spite of his harsh words he smiled gently at Nandi.

Nandi now has three grandchildren – a boy to herd the cattle on the veld and two girls to help her hoe the weeds from among the maize plants and to dig for amadumbe. She no longer needs to gather umdomi berries, for there is enough food for all.

# Story stars

## South Africa's star storyteller

Gcina Mhlophe is probably South Africa's best known storyteller. She has travelled all over the world to tell stories – and she is also an author, poet, playwright, director and performer! Since 1988, Gcina has been holding storytelling workshops in libraries and schools across the country. She tells stories in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu. But that is not all...Gcina has worked tirelessly for the past 11 years running the 'Nozincwadi Mother of Books Literacy Campaign' to help make South Africa a reading nation. She is deeply committed to keeping the art of storytelling alive and to inspiring children to read.

**Who told you stories when you were a child?**

My grandmother.

**When did you start telling stories and to whom did you tell them?**

First I shared them with my school friends and then to the children I took care of as a nanny for a few months. I began storytelling more seriously when I told stories in libraries and museums during a trip to the USA as an actress and director.

**Where do you get the stories from?**

The stories I tell are from long ago or I hear them on my international travels. Of course, since I am a writer, I write new stories too!

**Do you prefer reading fiction or non-fiction?**

Both – all I need is a story that is welltold.

**My favourite place to read is...**

My bed and in airports when I travel.

**What languages do you read in?**

Mostly English but also isiZulu and isiXhosa, especially poetry.

**The greatest lesson that I learnt from a book or story was that...**

An author's voice can jump up from the page and straight into my heart! Some of the authors that have done this for me are Isabelle Allende, Alice Walker, AC Jordan, Sindiwe Magona, Paulo Quello, Maya Angelo and Mariama Ba.

**Every child should read...**

*Haroon and the Sea of Stories* by Salman Rushdie

**When my daughter was younger, her favourite picture book was ...**


*So much!* by Trish Cooke and Helen Oxenbury. For a while we talked about the characters in the book as if they were our family friends – especially Uncle Didi.

**When and where did you used to read to your daughter?**


All the time and all over the place – in the garden, in bed! She loved books and stories from the start.

**What language/s did you read to her in?**

isiZulu and English – it was such fun! Her father read to her in German.



Gcina Mhlophe



# Iimbalasane zamabali

## Imbalasane yamabali yaseMzantsi Afrika

UGcina Mhlophe inokuba ngoyena mbalisi mabali waziwa kakhulu eMzantsi Afrika. Uhambe lonke ilizwe esiya kubalisa amabali – phofu ke ukwangumbhali, imbongi, umbhali wemidlalo yeqonga,

umlawuli kwanomdlali weqonga! Ukususela ku-1988, uGcina umana ukusingatha imisebenzi yocweyo lwamabali kumathala eencwadi nasezikolweni kwilizwe loMzantsi Afrika uphela. Ubalisa amabali ngesiNgesi, isiAfrikansi, isiXhosa nangesiZulu. Kodwa ke akuphelelanga apho... uGcina usebenze engadinwa kule minyaka ili-11 idlulileyo eququzelela iphulo elibizwa ngokuba ngu'Nozincwadi Mother of Books Literacy Campaign' ngeenjongo zokunceda uMzantsi Afrika ekubeni ube lilizwe elifundayo. Uzinikezele kakhulu ekugcineni ubugcisa bokubalisa amabali buphila ndawonye nasekukhuthazeni abantwana ukuba bafunde.

**Wawuwabaliselwa ngubani amabali usengumntwana?**

Ngumakhulu wam.

**Waqala nini ukubalisa amabali, kwaye loo mabali wawuwabalisela bani?**

Ndaqala ngokuwabalisele abahlobo bam basesikolweni, emva koko ndabalisele abantwana endandibagcina kwiinyanga nje ezimbalwa. Ndiqale ukubalisa amabali ngokuzimisela mhla ndandiwabalisa kumathala eencwadi nakwiimyuziyamu kuhambo lwam lwase-USA, apho ndandiye khona njengomdlali weqonga kwanomlawuli wemidlalo yeqonga.

**Uwafumana phi amabali?**

Amabali endiwabaliseyo ngawakudala okanye ke ndiwafumana kuhambo lwam lwamazwe ngamazwe. Nawe uyazi ke, njengombhali, ndiyawabhala namabali amatsha.

**Ukhetha ukufunda amabali aziintsomi okanye anobunyani?**

Omabini – eyona nto ndiyifunayo libali elibaliswe kakuhle.

**Eyona ndawo ndithanda ukufundela kuyo....**

Yibhedi yam nakwizikhululo zeenqwelomoya xa ndiseluhambeni.

**Ufunda ngezphi iilwimi?**

Ndifunda kakhulu ngesiNgesi, kodwa nangesiZulu nangesiXhosa, ingakumbi isihobe.

**Esona sifundo sibalulekileyo ndasifundayo encwadini okanye ebalini sesokuba...**

Ilizwi lombhali linakho ukuntinga lisuka ephapheni lize ngqo entliziyweni yam! Abanye bababhali abathe bandichaphazela ngolu hlobo ngabo bafana no-Isabelle Allende, Alice Walker, AC Jordan, Sindiwe Magona, Paulo Coelho, Maya Angelo noMariama Ba.

**Wonke umntwana umele afunde...**

*UHaroon and the Sea of Stories* ngokubhalwe nguSalman Rushdie

**Ngokuya intombi yam yayisencinci, eyona ncwadi inemifanekiso wayeyithanda ngu...**

*So much!* nebhalwe nguTrish Cooke no-Helen Oxenbury. Ixesha elide sasincokola ngabalinganiswa abakuloo ncwadi ngokungathi bangabahlobo bosapho lwethu – ingakumbi uMalume uDidi.

**Wawuthanda ukuyifundela nini okanye phi intombi yakho?**

Naxesha liphi kwaye nakuyiphi na indawo – esitiyeni, ebhedini! lincwadi wayezithanda ukusuka ekuqaleni ukuya ekupheleni.

**Wawumfundela ngaluphi ulwimi okanye ngezphi iilwimi?**

NgesiZulu nesiNgesi – kwakumnandi kakhulu! Utata wakhe wayemfundela ngesiJamani.

To read more about Gcina Mhlophe or to nominate another storyteller as a Story Star, go to the Story Stars section on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Are you a skilled storyteller? Visit the Support Us section on the Nal'ibali website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)) to find our directory of reading clubs that are always looking for storytellers to entertain their children.



# Inkosi eyayiyinyoka

UNANDI WAYEHLUPHEKA KAKHULU. Umyeni wakhe wayesele ekobandayo, kanaanjalo wayengenaye nonyana owayezakumalusela iinkomo, wayenentombi enye kuphela awayehamba nayo bayokwemba amagontsi ababezakutshobela ngawo umphokoqo. Kodwa ekwindla xa sele zibunile iintyatyambo nezityalo zomile babethembela emaqunubeni abumthubi nabomvu kwaye emnandi, ababewakha ze batshintshise ngawo ukuze bafumane umqwayito okanye inyama eyomisiwe yebhokhwe okanye iselwa lamasi atyebileyo nageweile yingqaka.

Ngenye imini uNandi waya emlanjeni njengesiqhelo eyokukha amaqunube, kodwa zange awafumane. Kwakungekho nelinye nje iqunube elivuthiweyo, nditsho umnqongo nje.

Uthe esamatshekile enjalo weva ingxolo, umfutho omkhulu wenyoka. Wathi xa ajonga phezulu, wabona inyoka enkulu eyayinombala oluhlaza neniloko engwevu iziwlulula esiqwini somthi wamaqunube eyayizithandele kuwo, intloko yayo ilengalenga phakathi kwamasebe izityela amaqunube. Yayiwatye onke loo maqunube.

“Ube amaqunube am,” watsho uNandi. “Owu, nyoka embi, ube onke amaqunube am. Ndizakutshintshisa ngantoni ngoku xa uthatha zonke iziqhamo zam?”

Inyoka yenza ingxolokazi enkulu yaza yehlela phantsi. UNandi wayesoyika kodwa waziqinisa kuba wayesazi ukuba xa athe wabaleka akasayi kuwafumana amaqunube.

“Yintoni ozakundimika yona xa ndikumika amaqunube?” yabuza inyoka. “Ukuba ndithe ndakugwalisela ingobozi yakho ngeziqhamo uzakundimika intombi yakho?”

“Ewe,” watsho uNandi elusizana. “Ndizakumika intombi yam ngoku kuhlwa kwanamhlanje. Nceda nje qha undivumele ndigwalise ingobozi yam ngeziqhamo ezingamaqunube amnyama.”

Kodwa kwathi asakuba eyigwalisile ingobozi uNandi, sele egoduka, wangenwa lufoyiko ngenxa yesithembiso

asenzileyo. Kwakutheni ukuze avume ukumikezela ngentombi yakhe kwisilo esibi ngoluya hlobo? Waqonda ukuba kufuneka aqinisekise ukuba inyoka ayizukumazi apho wayehlala khona. Kwakufuneka ukuba angagoduki ngqo ukuya ekhaya, hleze kuthi kanti injongile, kwaye iyamlandela.

Wahamba ke waya kuwela umlambo ezibukweni, apho amanzi esezantsi khona. Wawela waze wathi tshwa kwihlathi elalingaphesheya komlambo. Wahamba ethubeleza phakathi kwemithi enameva. Kodwa ke akabonanga ukuba ameva lawo akrazula ilokhwe yakhe kwasala umcu wayo kwelo hlahla lomthi.

Wahamba ngobunono, echwechwa kuba efuna ukungenzi ngxolo phakathi kweengcongolo, elumkele ukubonwa zingwenya, waya kungena edamini elikhulu nelinzulu. Naxa kunjalo akabonanga ukuba esinye isihlahla samaqunube siwile engobozini saza sasala sidada apho edamini.

Wahamba waya kuqabela endulini eyayilapho. Wayesazi ukuba xa athe wasithela apho, akanakuze abonwe ngumntu osemthini wamaqunube ezantsi. Kodwa wakhubeka ngonyawo lwakhe olwalumanzi esidulini seentubi. Kanaanjalo wathi xa angena ehlatshini amahlaha aqhawula amaso akhe aselunyaweni, emaqatheni.

Ekugqibeleni wafika endlwini yakhe waze wakhwaza intombi yakhe. “Mntwana wam, ndenze into embi kakhulu. Ndithembise inyoka ukuba ndizakuyinika wena xa ithe yandigwalisela ingobozi yam ngeziqhamo zamaqunube,” wakhala kakhulu.

Kuthe kanti phaya emva inyoka yehlile emthini yalanda ekhondweni likaNandi. Yahamba ke yabona umcu welokhwe yakhe. Yaze yazi ke ngolo hlobo ukuba ebekhamba apho.

Ithe isahambe umganyana yabona isihlahla samaqunube sidada edamini yabe sele isazi ukuba uye kweliphi na icala. Ithe isahambe umganyana omncinane, yabona umzila wonyawo lwakhe ngakwisiduli seentombi awayekhubeke kuso, yabe sele ilandela umkhondo lowo. Ithe isahamba njalo yabe seyibona amaso akhe, yabe ke seyilandela umkhondo lowo njalo yade yayakufika emzini kaNandi.



elikhulu kwaye lelendoda?

Ifika nje uNandi usatsho isikhalo ngenxa yesithembiso asenzileyo. Kuvakele ingxolokazi enkulu yomfutho wenyoka emnyango. Yafutha yade yangena ngaphakathi, yaza yasonga umzimba wayo phezu kweziko elalilapho.

“Hayi, Hayi!” wakhala uNandi. “Bendiphosisa mna ngesasithembiso sam. Andinakuze ndikwazi ukukumika intombi yam.”

Intombazana encinane yaphakamisa amehlo ayo. Amehlo ayo ayenobubete kwaye ingabonakalisi loyiko.

“Isithembiso sisithembiso mama,” watsho umntwana.

“Kufanele ukuba undimikezele enyokeni.” Yatsho njalo intombazana yaze yonda ngenyoka yafika yaphulula intloko yayo eluhlaza nangwevu. “Yiza,” yatsho intombazana, “ndizakuphakela ukutya.” Yaphuma nayo baya entangeni yentombazana. Bathi bakufika apho intombazana yathatha iselwa elaligewele ngamasi yalimika inyoka ukuze isele. Emva koko yasonga ingubo yayo yokulala isondlelela inyoka ibhedhi.

Ebusuku uNandi wavuka endlwini yakhe. Ingaba yintoni eyamvusayo? Ingaba kukukhala kwengwe okanye yayikukhala kukadyakalashé? Akukho bani waziyo, kodwa kona kukhona okwamphazamisayo. Wamamelela kwakhona. Amazwi! Wayesiva amazwi. Yayiyintombi yakhe eyayithetha. Kodwa ingaba lelikabani elinye ilizwi eli lesibini? Ilizwi

Waphuma ezingubeni wahamba echwechwa eyokujonga. Wabona ntoni? Ingaba wayesebuthongweni esaphupha? Wabona intombi yakhe ihleli nomfana omhle, omdle, ontsundu nonamandla. Zange athandabuze ukuba lo inokuba ngunyana wenkosi okanye yinkosi uqobo. Intombi yakhe yayisenza amaso amahle, iwahlohlele lo mfana. Ngelo xesha le nzwana yona ithetha ngamazwi apholileyo nanothando iwabhekisa kwintombi kaNandi.

UNandi wajonga ingubo yokulala eyayendlalelwe inyoka wabona ukuba inyoka yayingasokho apho. Kwasekukho isikhumba eside, esisongeleneyo, esiluhlaza. Wasithatha eso sikhumba wasifaka emliwini owawusavutha eziko.

“Ngoku ke isiqalekiso sesiphelile,” yatsho inkosi eyinyoka.

“Ngenxa yentombazana elungileyo endisizeleyo kunye nomama osishiya otshise isikhumba sam.” Kodwa ngaphandle kwamazwi ayo abuhlungu ithe yancuma xa iphosa amehlo kuNandi.

Ngoku uNandi sele enabazukulwana abathathu, inkwenkwe yokwalusa iinkomo kunye namantombazana amabini okumncedisa ngokuhlakula nokwemba amagontsi. Akusafuneki ngoku ukuba aye kukha amaqunube kuba ngoku sele benokutya okwaneleyo ekhaya.

Phela, phela ngantsomi!

# Sharing the joy of stories

Here are some photographs that capture Nal'ibali storytelling moments to inspire you!

## Ukwabelana ngokonwabela amabali

Nazi ezinye iifoto eziza kukukhuthaza eziveza kakuhle iziganeko zokubaliswa kwamabali ngabakwaNal'ibali!



Credits: Esa Alexander and Shelley Christians

## Story seeds

Do you want to tell your own stories but sometimes find it a bit difficult to get going? Here are two ideas to get you started. Each one is the beginning of story that you can grow in any way that interests your children!

### A silly thing to do

One rainy breaktime, all the children had to stay inside the classroom. After they had finished eating, some of the children decided to make up a new hip hop dance together.

It was fun until Tara said, "Hey, I know, let's dance on the desks!"

She jumped onto a desk and...slipped right off onto the floor!

"Ow, ow, my ankle," cried Tara. "It's burning!"

## Imbewu yamabali

Ingaba ufuna ukubalisa awakho amabali kodwa ufumane ubunzima ekuwaqaleni? Nazi iimbono ezimbini zokukhuthaza wena ekuqaliseni. Mbono nganye kwezi isisiqalo sebali onokusikhulisa ngokohlobo olunika umdla kubantwana bakho!

### Ukwenza into esileyo

Ngexesha lokuphumla ekwakusina ngalo, bonke abantwana kwaye kwafuneka bahlale ngaphakathi kwigumbi lokufundela. Emva kokuba begqibile ukutya, abanye ababo bagqiba ekubeni bayile kunye umdaniso othile wehip hop.

Kwakumnandi oku phambi kokuba uTara athi, "Tyhini, nants' into, masidanise phezu kwedesika!"

Watsiba wema phezu kwedesika waze wa... watyibilika waya kuwa emgangathweni!

"Yhu, yhu, iqatha lam," walila uTara. "Liyatshotshozela!"

Babaleke kwangoko abahlobo bakaTara ukuya kubiza

Tara's friends ran off quickly to find their teacher...

### An accident

One afternoon, Zulfah's family was in the kitchen. Everyone was doing something. Zulfah was helping her father chop up vegetables for the soup. Her mother was washing dishes at the sink. Zulfah's little brother, Ashraf, was thirsty. He wanted something to drink but nobody heard him say 'Dink, please!' because they were all so busy.

Ashraf usually had a bottle but he couldn't see it anywhere. As he looked up at the table, he saw a glass of milk.

'Mma, mma, mma,' said Ashraf reaching for the glass.

CRASH!!!! The glass tipped over and smashed onto the floor. There was glass everywhere...

You can find more story seeds on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

utiitshala wabo...

### Ingozi

Ngenye injikalanga, usapho lukaZulfah lwalusekhithshini. Wonke ubani wayexakekile esenza oku nokuya. UZulfah wayencedisa utata wakhe ekunqunqeni imifuno yesuphu. Umama wakhe wayehlamba izitya esinkini. Umnakwabo Zulfah omncinci, u-Ashraf, wayenxaniwe. Wayefuna into yokusela kodwa akukho mntu wamvayo xa watesithi 'Fun' isela!' kuba bonke babexakekile.

U-Ashraf wayesoloko enebhotile kodwa wayengayiboni apho ikhoyo. Uthe akujonga phezu kwetafle, wabona iglasi enobisi.

'Mma, mma, mma,' utshilo u-Ashraf ethatha iglasi leyo.

PHARHA!!! Iglasi yawa phantsi emgangathweni. Kwakukho iingceba zeglasi yonke indawo...

Ungazifumana nezinye iimbewu zamabali kule dilesi: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

# Getting the most from your storytelling

Do you want to make sure that your children are getting the most out of your storytelling times? Here are ideas to help deepen and extend their experiences of the stories you tell. Choose one or two of the ideas to do with each story you tell. Remember that there are no right or wrong ways of doing any of these things – the point is to encourage your children to explore stories and to express their insights.

## Before

- ★ Sing a song or say a rhyme linked to the content of the story or one of the story characters.
- ★ Ask your children if they know any stories about the kinds of characters that will appear in the story you are about to tell. (For example: 'Do you know any stories about boys or girls who get lost?') Invite your children to share their memories as well – for example: 'Have you ever been lost?'

## During

- ★ As you tell the story, stop briefly once or twice to ask 'what do you think will happen next?' Thinking about cause and effect deepens children's

# Ukufumana lukhulu ekubaliseni kwakho amabali

Ingaba ufuna ukuqinisekisa ukuba abantwana bakho bazuzela lukhulu kumaxesha obalisa ngawo amabali? Nali ke ithuba lokuzikisa nokwandisa amava abaza kuwazuzela xa ubalisa amabali. Khetha imbono enye okanye ezimbini oza kuzilandela kwibali ngalinye olibalisayo. Khumbula ke ukuba akukho ndlela ichanekileyo okanye egwenxa yokwenza nayiphi na kwezi zinto – eyona nto iphambili kukuba ubakhuthaze abantwana bakho ukuba bawagoca-goce amabali, baze bavakalise oko kukwingqiqo yabo.

## Ngaphambi kokubalisa ibali

- ★ Cula ingoma okanye wenze ivesi ehambelana nomongo webali okanye ehambelana nomnye wabalinganiswa bebali.
- ★ Babuze abantwana bakho ukuba ingaba akho na amanye amabali abawaziyo anabalinganiswa abafana naba bakweli bali uza kulibalisa. (Umzekelo: 'Ingaba akho amabali eniwaziyo angamakhwenkwe namantombazana alahlekayo?') Bacele abantwana ukuba babelane nabanye ngeenkumbulo zabo – umzekelo: 'Ingaba wakhe walahleka wena?'

## Ngexesha lokubalisa kwebali

- ★ Ngoku ubalisa ibali, kufuneka umana usima kancinci nokuba kukanye okanye kabini ukuze ubuze ukuba 'ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koku?' Ukucinga ngonobangela nesiphumo kuzikisa iingqondo zabantwana malunga nendlela izinto ezisebenza ngayo.
- ★ Ungabona indlela abantwana bakho abaza kukuthanda ngayo ukuthatha inxaxheba ekubaliseni kwebali ukuba uyabamema ekubeni benze imifuziselo yezandi, njengokunkqonkqoza emnyango. Banakho nokusebenzisa iintshukumo zomzimba ekulinganiseni izigaba ezithile zebali – umzekelo, bahexe okwemithi evuthuzwa ngumoya.

understanding about how things work.

- ★ Watch how your children will love to join in the telling of the story if you invite them to make sound effects like knocking on the floor to make the sound of knocking on a door. They can also use body movements to imitate parts of the story – for example, swaying like trees in the wind.

## After

- ★ Many stories focus on how characters deal with challenges that life sends their way. It is powerful for children to relate these things to challenges that they face in their own lives. Encourage them to make strong connections by saying something like, 'When I tell this story, it reminds me of how important good friends are. What does it remind you of?'
- ★ Children deepen empathy by putting themselves in a character's situation. Help them to do this by asking them to think about why characters behaved in particular ways in the story.
- ★ Invite children to retell the story you have told or to draw or paint a picture of their favourite part of the story. Or, act out the story with them. These activities help them to deepen their understanding of the story.

Want to know how to tell a story? Find storytelling tips as well as stories to tell on our website, [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Illustration by Alzette Prins  
Imifanekiso ngu-Alzette Prins

## Emva kokubalisa kwebali

- ★ Amabali amaninzi agxininisa kwindlela abalinganiswa abajongana ngayo neningeni eziswa kubo bubomi. Kubalulekile ke ukuba abantwana bayamanise okanye banxulumanise oku kwimingeni abajongana nayo ebomini babo. Bakhuthaze ekwenzeni uthungelwano oluquqilima ngokuthi bathethe okufana noku, 'Xa ndibalisa eli bali, ndiye ndikhumbule indlela ababaluleke ngayo abahlobo. Wena likukhumbuza ntoni?'
- ★ Abantwana bazikisa ngokunikezela uvelwano ngokuthi bazibeke kwindawo nemeko akuyo umlinganiswa. Bancedise ekwenzeni oku ngokuthi ubacele bacinge ngokuba bekutheni abalinganiswa bekhetha ukuziphatha ngendlela ethile apha ebalini.
- ★ Cela abantwana ukuba balibalise kwakhona eli bali ugqiba kubabalisela lona okanye ke bazobe kungenjalo bapeyinte umfanekiso weyona ndawo bayithandileyo apha ebalini. Kungenjalo, ungenza umdlalo weqonga weli bali kunye nabo. Le ke yimisetyenzana ebangela ukuba abantwana bazuze ulwazi olunzulu ngebali.

Ingaba unomnqweno wokwazi ngendlela yokubalisa ibali? Fumana izikhokelo zokubalisa amabali kunye namabali onokuwabalisa kwiwebhusayithi okanye kumnathazwe wethu ofumaneka kule dilesi: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

What activities have you found to get your children hooked on listening to stories? Let us know on Twitter using the hashtag #nalibaliSA, email [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) or share them with us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)



Ingaba yeyiphi imisetyenzana oyifumanise ibanika umdla omkhulu wokumamela amabali abantwana bakho? Sazise ngoku kuTwitter ngokuthi usebenzise olu phawu lwethegi: #nalibaliSA, nge-imeyile: [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) okanye wabelane ngayo nathi kuFacebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

## Story corner

Here is the second part of the story about Haruki and the crocodiles for you to read-aloud or tell.

### Haruki's tail (Part 2) Retold by Joanne Bloch

The crocodile king could hardly believe his luck. He imagined the delicious feast he would have as soon as it was his turn to do the counting. 'Good idea,' he said softly, running his tongue slowly over his yellow, pointed teeth. Then he turned and waddled back into the river. Soon the water was churning, as a long row of crocodiles began lining up behind him in the river.

'Here I go!' said Haruki, grinning at his friends. He bounded onto the back of the first crocodile, wagging his tail as he began to count. His friends gasped in amazement as they saw what he was doing. 'One! Two! Three!' he counted loudly, leaping from one spiny crocodile back to the next. 'Four! Five! Six! Seven!' he carried on, wagging his long, white tail wildly as he jumped closer and closer to the mainland. After ten minutes, his friends could only see a little speck, shouting and jumping in the distance.

'Ninety eight! Ninety nine! One hundred!' Now there were no more crocodiles in front of Haruki – only the sandy bank of the mainland. As he leapt off the back of the final crocodile, he let out a whoop of joy. 'HA, HA! I TRICKED YOU!' he bragged as he flew through the air and landed on the sand. 'You nasty crocodiles have just made a bridge for me to reach the mainland!' When the last crocodile heard these words, he whipped his huge head around and bit off Haruki's wagging tail with a loud SNAP! Haruki squeaked with fright, but carried on bouncing all the way up the bank. He didn't really care that he had lost his tail because he had gained his freedom. And to this day, hares have short, stubby tails, just like Haruki!



## Indawo yamabali

Nasi isiqendu sesibini sebali elingoHaruki neengwenya ukuze ulifunde ngokuvakalayo kwaye ulibalise.

### Umsila kaHaruki (Isigaba sesi-2) Libaliswe kwakhona nguJoanne Bloch

Inkosi yeengwenya yayingalikholelwa ithamsanqa elifumeneyo. Yayinomfanekiso ngqondweni wethoko lesidlo eyayiza kuba nalo xa sele ingumjikelo wayo ekubaleni. 'Intle le mbono,' itshilo ngelisebezayo, ihambisa ngokucuthayo ulwimi lwayo kuloo mazinyo ayo atyheli atsolo. Emva koko iphethukile yabhadazelela ngasemlanjeni. Emva koko amanzi azamazama, oku kusenzeka kuba kwakukho umgca omde weengwenya owawuthe tse emva kwayo apha emlanjeni.

'Nantso ke!' utshilo uHaruki, esinekela abahlobo bakhe. Uxhumele kumqolo wengwenya yokuqala, ejiwuzisa umsila wakhe ngoku aqalayo ukubala. Abahlobo bakhe basuka bakhefuzela bemangaliswe koko babekubona. 'Inye! Zimbini! Zintathu!' wabala ekhwaza, etsiba ukusuka kumqolo wengwenya nganye esiya komnye. 'Zine! Zintlanu! Zintandathu! Zisixhenxe! Waqhubekeka, ejiwuzisela kude umsila wakhe omde omhlophe ngokuya esondela ngokusondela apha kweli cala lomhlaba ungesosiqithi. Emva kwemizuzu elishumi, into eyayibonwa ngabahlobo bakhe yayisele iyintlantsana nje, ikhwaza itsibatsiba phaya qelele.

'Amashumi asithoba anesibhozo! Amashumi asithoba anesithoba! Ikhulu!' Ngeli thuba ke kwakungasekho ngwenya iphambi kwakhe uHaruki – into eyayikho lunxweme lwesanti lwalo mhlaba ungesosiqithi. Uthe xa etsiba esehla kumqolo wengwenya yokugqibela, wenza umkhwazo wovuyo. HEKE! HEKE! NDINIQHATHILE! NGCIPH' NANDIWEZA!' uqhayise watsho ngeli lixa antingela emoyeni esiya kuthi gxada esantini. 'Zingwenyandini ezinoburhalarhume nindenzele ibhlorho yokuwela ndize kufika kweli cala lingesosiqithi!' Ithe ingwenya yokugqibela yakuba la mazwi, yaguqula ngokukhawuleza intloko yayo enkulu yaze yaluma loo msila ujiwuzayo kaHaruki ngoMNQWAMZO omkhulu! UHaruki wankwiniza luloyiko, kodwa waqhubekeka exhumaxhuma ukuya elunxwemeni. Wayengayinanzanga nakanye into yokuswela kwakhe umsila kuba wayeyifumene inkululeko yakhe. Kunanamhlanje, imivundla inemisila emifutshane, etyebileyo, njengoHaruki!

### In your next Nal'ibali supplement:

- How to get involved in a reading club
- A teen-read of four short stories with twists at the end of them
- A zig-zag book, *One more*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)



Find us on Twitter: @nalibaliSA  
Sifumane kuTwitter: @nalibaliSA

### Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Ungazibandakanya njani neqela elifundayo
- Amabalana abantwanana abasafikisayo aneziphelo ezingakholelekiyo
- Incwadi eyenziwe yamajikojiko, *Omye kwakhona*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ndifumane ezinye iingcebiso, izixhobo neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali,? Ndwendwela kule webhusayithi-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) sifumane nakuFacebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)